



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

2015

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Izincoko (50)

ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

QAPHELA: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kweli candelo.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama: 80

ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama: 70 (2 x 35)

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390 kwisincoko ngasinye.

UMBUZO 1

- 1.1 Ndabona ukuba akukho kuthemba mntu. [50]
- 1.2 Ukutya nezifo. [50]
- 1.3 Abantwana mabafundiswe ubunkokeli besakhula. [50]
- 1.4 Ukuphuhliswa kwezakhono kulutsha. [50]
- 1.5 Xa ndinokuba ngumzali womntwana osebenzisa iziyobisi. [50]
- 1.6 Isisila senkuku sibonwa mhla ligquthayo. [50]
- 1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanekileyo.

1.7.1



[Google Images]

[50]

1.7.2



[Google Images]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A:

50

ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

UMBUZO 2**2.1 IRIVYU**

Bhala irivyu yencwadi.

[25]**2.2 ILETA ESESIKWENI**

Bhala ileta yesikhalazo esesikweni.

[25]**2.3 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ileta yovelwano.

[25]**2.4 INGXELO ENGEKHO SIKWENI**

Bhala ingxelo engekho sikweni.

[25]**2.5 INTETHO ENGEKHO SIKWENI**

Bhala intetho engekho sikweni.

[25]**2.6 INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo yababini.

[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 50
AMANQAKU EWONKE: 100